URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Janine Ontong
ICandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kuquka i-*EDULIS*)
Janine.Ontong@westerncape.gov.za |021 957 9626

IIKHRAYITHERIYA ZOKULUNGISELELA UKHUPHISWANO

Kucelwa niqaphele: Zonke iipowusta/imizobo/amabali amafutshane kufuneka zihambe nesiliphu semvume esizalisiweyo ukuze zipapashwe kumajelo eendaba

AmaBakala 1 ukuya kwele-3

Imisebenzi engenisiweyo (*entries*) yabafundi mayibe **yipowusta/ngumzobo** ukubonisa ibali abalithandayo ababelimamele okanye abalifundileyo.

Iikhrayitheriya:

- Iipowusta/imizobo mazibe kwiphepha i-A4.
- Igama, ifani, ubudala, nebakala kufuneka zibonakale ngokucacileyo kwipowusta/kumzobo.
- Mayibe ngumsebenzi awenze ngokwakhe umfundi.
- Mayibe ngumsebenzi oyintsusa nobonisa isakhono sobuchule bomfundi.

Isikhokelo sokucebisa:

- Ngomzobo/ngepowusta yakho, sixelele ngeencwadi ezimangalisayo onokuzifumana kwilayibrari yakho.

AmaBakala 4 ukuya kwele-7

Abafundi mababhale **ibali elifutshane** ngomxholo othi: "*lincwadi ezimangalisayo ezikwilayibrari yam!*." ("*Adventures live in my library*!")

Iikhrayitheriya:

- Onke amabali amafutshane mawabe ngumsebenzi awenze ngokwakhe umfundi.
- Igama nefani, igama lesikolo nebakala mazibonakale ngokucacileyo.
- Libali elifutshane elinye kuphela lomfundi ngamnye eliya kwamkelwa.
- Obona bude buphezulu: IBakala 4: ngamagama ayi-120 ukuya kwayi-140
  IBakala 5: ngamagama ayi-140 ukuya kwayi-160
  IBakala 6: ngamagama ayi-160 ukuya kwayi-170
  IBakala 7: ngamagama ayi-170 ukuya kwayi-200
- Yonke imisebenzi ebhaliweyo engenisiweyo (*written entries*) mayifundeke.

Imibuzo esisikhokelo sengcebiso:

- Sixelele ngeencwadi ezimangalisayo onokuzifumana kwilayibrari yakho; nokuba
- Kungakunceda njani ukuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo eziziincwadi ezimangalisayo ezingaphezulu?

Isikhokelo seengcebiso ngebali elifutshane:

- Ingaba umxholo udityanisiwe kwibali elifutshane?
- Ingaba iziganeko zibhalwe ngokulandelelanayo na?
- Ingaba ulwimi nomfanekiso-ntekelelo zisetyenziswe ngempumelelo?
- Ingaba igrama, iziphumlisi, nopelo zisetyenziswe ngendlela echanekileyo?

AmaBakala 8 ukuya kwele-12

Abafundi mababhale **ibali elifutshane** ngomxholo othi: "*Ilayibrari yam yeencwadi ezimangalisayo!*" ("*Adventures live in my library*!")

likhrayitheriya:

- Onke amabali amafutshane mayibe ngumsebenzi awenze ngokwakhe umfundi.
- Igama nefani, igama lesikolo nebakala malibonakale ngokucacileyo.
- Libali elifutshane elinye kuphela lomfundi ngamnye eliya kwamkelwa.
- Obona bude buphezulu: IBakala 10: ngamagama ayi-300 ukuya kwayi-350
  IBakala 11: ngamagama ayi-350 ukuya kwayi-400
  IBakala 12: ngamagama ayi-400 ukuya kwayi-450
- Yonke imisebenzi ebhaliweyo engenisiweyo (*written entries*) mayifundeke.

Imibuzo esisikhokelo sengcebiso:

- Sixelele ngeencwadi ezimangalisayo onokuzifumana kwilayibrari yakho; nokuba
- Kungakunceda njani ukuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo eziziincwadi ezimangalisayo ezingaphezulu?

Iingcebiso ngebali elifutshane:

- Ingaba umxholo udityanisiwe kwibali elifutshane?
- Ingaba iziganeko zibhalwe ngokulandelelanayo na?
- Ingaba ulwimi nomfanekiso-ntekelelo zisetyenziswe ngempumelelo?
- Ingaba igrama, iziphumlisi, nopelo zisetyenziswe ngendlela echanekileyo?

Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Abafundi bangakhetha ukubhala **ibali elifutshane** ngomxholo othi: "*Ilayibrari yam yeencwadi ezimangalisayo!*" ("*Adventures live in my library*!") **OKANYE benze umzobo/umfanekiso opeyintiweyo *(painting)*** ngebali abalithandayo ababelimamele okanye abalifundileyo.

likhrayitheriya:

- Onke amabali amafutshane okanye imizobo mayibe ngumsebenzi awenze ngokwakhe umfundi.
- Igama nefani, igama lesikolo nebakala/nenqanaba malibonakale ngokucacileyo.
- Libali elifutshane elinye kuphela okanye umzobo womfundi ngamnye oya kwamkelwa
- Amagama abobona bude buphezulu bebali elifutshane ngamagama ayi-150.
- Makubonakale ubungqina besakhono sobuchule bokubhala nomfanekiso-ntekelelo xa kubhalwa okanye xa kuzotywa.
- Izixhobo zetekhinoloji ezinika uncedo okanye idivayisi ebonisa okwenzekayo (*visual aid*) zivumelekile.
- Utitshala/umncedi onika inkxaso uvumelekile.

Imibuzo esisikhokelo sengcebiso:

- Sixelele ngeencwadi ezimangalisayo onokuzifumana kwilayibrari yakho; nokuba
- Kungakunceda njani ukuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo eziziincwadi ezimangalisayo ezingaphezulu?

Ukukhethwa kwamabali amafutshane afanelekileyo kuya kususelwa kwezi zikhokelo zilandelayo:

- Umxholo njengondoqo wesakhiwo sebali.
- Ibali elikholelekayo.
- Ixesha elibekiweyo elithe ngqo (ixesha elidlulileyo, ixesha langoku, ixesha elizayo).
- Umhlathi wentshayelelo obhalwe kakuhle.
- Ukucinga ngezinto ezinokwenziwa kwilayibrari yesikolo nge-R30 000.
- Isiphelo esinika umdla.
- Ukugcinwa komdla (isimbo neentshukumo kwibali).